

Isifo senyebethu


Sisifo esiyingozi esisasazeka ngokulula. Sibangwa yintsholongwane.

Intsholongwane ifunyaniswa kuzo zonke iincindi zomzimba njengamathe, umchamo, ubulongwe, ubisi kunye nasemoyeni ophefumlela ngaphandle yiyo yonke imfuyo enesifo.

- Imfuyo isifumana esi sifo xa isitya okanye iphefumla intsholongwane evela kwezi ncindi zomzimba.
- Abantu nabo banokuyisasaza intsholongwane ngempahla, izihlangu, izandla kunye namavili emoto amdaka.
- Imfuyo egulayo kakhulu ziinkomo, kodwa iihagu, iibhokhwe, iigusha kunye nezinye izilwanyana ezineempuphu, kuquka nezasendle, nazo zinokusifumana isifo.

Zeziphi iimpawu?

- Amadyunguza kunye nezilonda emlonyeni (iintsini, imilebe nolwimi), zikrwada kwaye zibuhlungu, zisenza kube nzima kwimfuyo ukutya kwaye kaninzi zibanga ukuvuza amathe.
- Amadyunguza kunye nezilonda phakathi kweenzwane kunye nalapho iimpuphu zingena khona kwisikhumba zinokubanga ukuba imfuyo iqhwalele kwaye ingafuni ukuhamba ijikeleze. Ngamanye amaxesha inokuphulukana neenzipho okanye iimpuphu.
- Iimazi zinokuba nezilonda kwiingono zazo. Oku kukhokelela ekwehleni ngesiquphe kokuvelisa ubisi.



Kutheni ibalulekile?


- Amafama aphulukana nemali kuba imfuyo egulayo yehlisa ubunzima, ayikhuli kwaye ikhupha ubisi olwehlileyo. Amathole amancinane anokufa.

- Isixa esikhulu semali sisetyenziselwa ukulawula isifo, njengezakhiwo kunye nokugcina iingcingo kunye nokuyivavanyela isifo imfuyo.
- Amazwe angenaso isifo ngeke athenge imfuyo, inyama okanye iimveliso zenyama ezivela eMzantsi Afrika xa isifo sisasazeka kwilizwe lonke.



Senzeka phi isifo senyebethu?

EMzantsi Afrika, inyathi kwiPaki yeSizwe yase-Kruger inesifo kodwa ayibonisi zimpawu. Ngamanye amaxesha iinkomo ngase-Kruger zinokufumana isifo kwinyathi ebaleke kwiPaki. Ukunqanda ukusasazeka kwesifo, ummandla ojikeleze i-Kruger uyabiyelwa ukohlula ezi nkomo kwilizwe xa lilonke. Lo mmandla kuthiwa yiNdawo yoKhuselo. Zonke iinkomo kulo mmandla ziyahlolwa kwaye ezithile ziyagonywa (ngurhulumente) ukukhusela imfuyo kunye nokuthintela ukusasazeka.



Qaphela:

Abantu ngeke baguliswe
sisifo senyebethu

Yintoni oyenzayo xa ifumana isifo imfuyo:

- Ukuba ngaba ubona iimpawu zeSifo seNyebethu kwiinkomo zakho, qhagamshelana ngokukhawuleza neGcisa leMpilo yeMfuyo okanye uGqirha weMfuyo kaRhulumente.
- Ukuba sikhona isifo, imfuyo yakho (kunye nemveliso yemfuyo) ngeke kuvunywe iye kweminye imimandla ngaphandle kwemvume evela kwi-Ofisi kaGqirha weMduyo yePhondo.
- Urhulumente unokugqiba ekubeni agonye iinkomo eziphilileyo xa kukho isifo kummandla.

Ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana negcisa lempilo yemfuyo okanye ugqirha wemfuyo karhulumente/wabucala.

ICandelwana: IMpilo yeMfuyo

ICandelo loMgaqo-nkqubo, iziThethe neMigangatho

Umnxeba: +27 12 319 7414

Ifeksi: +27 12 319 8292

Iwebhusayithi: www.daff.gov.za

UkuKhuthaza noKwazisa

ICandelwana: IMigangatho yokuNgeniswa kunye nokuKhutshelwa ngaPhandle
kokuTya

Icandelo lokuKhuthaza iMpilo yeMfuyo

Umnxeba: +27 12 319 6004/6117/6444

I-Imeyile: info.sps@daff.gov.za

Iwebhusayithi: www.daff.gov.za